



**PARLIAMENT**  
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**VAKALISA**

**ULUVO**

**LWAKHO**

**Yonke imibutho enomdla nechaphazelekayo, iyodwa kwaye /okanye ihlangene iyamenywa ukuba ithathe inxaxheba kwiindibano zovakaliso-zimvo ezimalunga neCandelo lama-25 loMgaqo-siseko, ukuze incede iCRC.**

**I-CRC imema ukuba nize kuvakalisa izimvo zenu kule mibuzo:**

- Ingaba iCandelo lama-25 loMgaqo-siseko liyakuthintela ukuhluthwa komhlaba ngaphandle kwembuyekezo?
- Zeziphi iinguqu ongathanda ukuzibona xa iCandelo lama-25 loMgaqo-siseko linokufezekiswa ngokukuko?

# LIYINTONI ICANDELO LAMA-25 LOMGAQO-SISEKO?


Icandelo lama-25 loMgaqo-siseko liqheleke lisaziwa njengesolotywa loMhlaba kuMgaqo-siseko. Eli solotywa lichaziweyo linikezela ngamanyathelo ayimfuneko ekubeni alandelwe xa uRhulumente egqiba ekuwuhlutheni umhlaba ebantwini okanye kwiinkampani ukulungiselela abantu. Inkqubo yokuba uRhulumente ahluthe umhlaba eluntwini yaziwa ngokubanzi ngokuba kukuhluthwa.

Ukuhluthwa komhlaba kusenzelwa abantu kungabandakanya ukusebenzisa umhlaba ukuze kwakhiwe imibhobho yamanzi, izindlu, iindlela, uhlehlengiso lomhlaba kunye neenjongo zolimo, phakathi kwezinye izinto,

Icandelo lama-25 loMgaqo-siseko kwakhona linikezela into yokuba umdla woluntu uquka nokuzinikela kwesizwe kuhlengahlengiso lomhlaba kunye nokufikelela ngokulinganayo kuyo yonke imithombo yendalo yaseMzantsi Afrika.

Indlu yoWiso-mthetho yeSizwe kunye neBhunga leSizwe lamaPhondo kungokunje zisombulule ugunyaziso lokuba iKomiti eSisigxina eHlangeneyo engokuQwalasela koMgaqo-siseko, ukuba ithathele ingqalelo ukuqwalasela ngokutsha kunye nezihlomelo ezinokuba khona kwiCandelo lama-25 loMgaqo-siseko, ukuze lenze kwenzeke ukuba uRhulumente ahluthe umhlaba, kubandakanywa nomhlaba abanomdla kuwo abantu, ngaphandle kwembuyekezo.

# KUTHENI KUFUNEKA INGQWALASELA NGOKUTSHA YECANDELO LAMA-25 LOMGAQO-SISEKO?



Ngenxa yezenzo zocalucalulo ngokobuhlanga, abantu abamnyama babewuhluthwa umhlaba ngokusebenzisa imithetho emininzi kunye nemigaqo-nkqubo, kubandakanywa umthetho woMhlaba wokuZalwa wowe-1913, phakathi kweminye. NgokoMthetho woMhlaba wokuZalwa wowe-1913 kunye nomnye umthetho, abantu abamnyama babephelele ekubeni babe ne-13% lomhlaba uwonke

eMzantsi Afrika. Uphicotho-zincwadi lwakutshanje lukarhulumente luthi umhlaba wasemaphandleni ongowama-Afrika ungaphantsi kwe-2%, kwaye ungaphantsi kwe-7% somhlaba wasezidolophini. Loo nto ithetha ukuthi imithetho yasemva kocalucalulo ngokobuhlanga ayikaphumeleli ukushukuxa umba wokunikezelwa komhlaba nguRhulumente kuba sisi-8% somhlaba osele ubuyiselwe kubantu abamnyama ukususela ngowe-1994.

### **Qaphela imithetho ngaphambi nasemva kolawulo lwentando yesininzi**

**Umthetho woMhlaba wowe-1913**

**Onqwenela ukuthenga nonqwenela ukuthengise-la (umgaqo-nkqubo)**

**Umthetho wokoHluth-wa wowe-1975**

**Umthetho wamaLungelo okuBuyisel-wa uMhlaba wowe-1994**

**Umthetho-si-hlomelo wokwAndiswa koKhuseleko lokuSebenzi-sa uMhlaba wowe- 1997**

## **NGUBANI ONOXANDUVA LOKWENZA LE NGQWALASELA NGOKUTSHA?**

IPalamente igunyazise iCRC njengoko ikhokelwa yiMithetho eHlangeneyo yePalamente yoMzantsi Afrika, iMithetho eHlangeneyo yama-97-103 ukuze benze iindibano zovakaliso-zimvo zoluntu malunga neCandelo lama-25 loMgaqo-siseko. Emva koko, le Komiti iza kuqwalasela zonke izimvo zoluntu, ngengqiqo ize ithathe isigqibo sokuba kuyimfuneko kusini na ukuhlomela iCandelo lama-25 loMgaqo-siseko, ukuze likwazi ukunikezela ngokohluthwa komhlaba, ngaphandle kwembuyekezo.

## **UYITHATHA NJANI INXAXHEBA KULE NGQWALASELA NGOKUTSHA?**

Yonke imibutho enomdla nechaphazelekayo, iyodwa kwaye /okanye ihlangene iyamenywa ukuba ithathe inxaxheba kwiindibano zovakaliso-zimvo ezimalunga neCandelo lama-25 loMgaqo-siseko, ukuze incede iCRC. I-CRC imema ukuba nize kuvakalisa izimvo zenu kule mibuzo:

- Ingaba iCandelo lama-25 loMgaqo-siseko liyakuthintela ukuhluthwa komhlaba ngaphandle kwembuyekezo?
- Zeziphi iinguqu ongathanda ukuzibona xa iCandelo lama-25 loMgaqo-siseko linokufezekiswa ngokukuko?

# KUZA KWENZEKA NTONI EMVA KOKUBA KUVAKALISWE IZIMVO?

Emva kokuba kuvakaliswe izimvo, iCIRC iza kulandela le nkqubo kunye namaxesha abekiweyo



## LE NGQWALASELA NGOKUTSHA IZA KUKUNCEDA NJANI?

- Igalelo okanye uluvo lwakho lungaphembelela uhlonyelo olunokuba khona olunokubandakanywa kwingxelo eza kuthiwa thaca yiKomiti phambi kwePalamente.
- Ukulandela inkqubo yokwenza imithetho efuna ukuvumela uRhulumente ukuba athathe umhlaba ngaphandle kwentlawulo.
- Uza kwazi ukuba uRhulumente, hayi abemi, umntu okanye imibutho, unegunya lokuhlutha umhlaba ukwenzela oko kungumdla eluntwini.
- Imihla ixhomekeke kwinkqubo yepalamente.